

# Indlela yokusebenzisa le ncwadi:

Njengotitshala kuza kufuneka wenze izicwangciso ezilungiselela imisebenzi yokufunda notitshala eklasini. Ngokwesiqhelo xa kufundwa notitshala, utitshala usebenza nabafundi bonke, kodwa ukuba abafundi baninzi kakhulu kuya kulunga ukuba utitshala asebenze neqela okanye inxalenye yabafundi ngexesha. Kufuneka kuqinisekiswe ukuba abantwana bahlala kakuhle ukuze bakwazi ukuyibona Incwadi Enkulu ukuze bakwazi ukufunda okubhaliweyo.

Xa kufundwa Incwadi Enkulu umntwana ufunda ukuphatha incwadi ngendlela eyiyo, ukuyibamba ayimise nkqo, atyhile namaphepha kakuhle. Ufunda isigama esingencwadi, umzekelo, uqweqwe, umphambili, umva nesihloko. Ukufunda notitshala kukwabonisa inkqubo yokufunda kwaye kubalulekile ekuphuhliseni izakhono zabantwana zokumamela, ukuthetha, ukufunda, ukuqiqa nezokubhala njengoko kugunyazisiwe yinkqubo kaCAPS:

- Ukuphuhlisa izakhono zokumamela nokuthetha.
- Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ezisakhulayo.
- Ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo nokunikana ithuba lokuthetha.
- Ukuzoba nokulinganisa ibali.
- Ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali ngokujonga imifanekiso.
- Ukusebenzisa ithuba lokufunda notitshala njengesiseko sokubhala notitshala.

### Ukulungela ixesha lokufunda Incwadi Enkulu

- Qinisekisa ukuba incwadi ibonwa ngabantwana bonke.
- Ukuba baninzi kakhulu abafundi bakho, bahlule babe ngamaqelana.
- Kungaluncedo ukuba nexhayi lencwadi onokubeka kuso incwadi ukuze ungayibambi ngokwakho xa ufunda. (Jonga imiyalelo yokwenza ixhayi lencwadi kuqweqwe lwangasemva.)
- Yiba nento yokwalatha nokuba yirula oza kwalatha ngayo amagama xa ufunda.
- Ukuba ufuna ukugxininisa igama elithile, ungancamathelisa amaphetshana ajikeleze elo gama okanye wenze ‘ifesitile’. Thatha iphepha uze usike uxande embindini. Wakugqiba beka uxande olo phezu kwamagama ukuze kuvele kuphela igama elinye, eli ulifunayo.

### Ukufunda notitshala okokuqala

Ukufunda kokuqala kugxila kulonwabo nokubona amagama okokuqala, nabantwana bethetha ngebali.

- Tyhila ubabonise ibali abaza kulifunda.
- Thetha ngemifanekiso ekhoyo. Abafundi mabaqikelele ibali ngokujonga isihloko nemifanekiso.
- Bafundise amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba abafundi bafunde ibali.
- Yenza amakhadi amagama oza kufundisa ngawo isigama esitsha.
- Funda ibali ngendlela eza kubonisa imvakalelo, ukutshintsha-tshintsha kwelizwi, isantya sokufunda nemvakalo-zwi. Sebenzisa izijekulo/izandla nembonakalo yolusu/yobuso.
- Yalatha amagama  ngerula xa ufunda ukuze abafundi babone la magama uwafundayo ukuze bakwazi ukudibanisa isandi kunye nophawu olusephepheni. Oku kuya kubanceda babone inkqubo yokufunda ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka ngasentla uye ngasezantsi.
- Eli thuba lisebenzisele ukufundisa ‘ulwimi lwencwadi’ olufana namagama, izivakalisi, iphepha, umbhali, isihloko, njalo-njalo.
- Abafundi mabathathe inxaxheba ebalini, bangenelele kwiindawo ezinamabinzana aphindaphindwayo (umz. “Naliya isela elenze le nto, lisihlazisa sonke! Qhiwulani, qhiwulani!”
- Kufuneka ibali lifundwe kabini okanye kathathu ukuze abafundi babe nethuba lokuphinda-phinda bonke ngaxeshanye izicuku zamagama, benze imidlalo belinganisa ibali okanye babalise iindawo ezithile besebenzisa awabo amagama.

### Ukufunda notitshala okwesibini

- Xa kufundwa okwesibini kusetyenziswa isicatshulwa esinye kwaye kugxininiswa ukubandakanyeka xa kufundwa notitshala kusetyenziswa iingxoxo eziphuhlisa isigama, ukuqonda, izakhono zokucalula neemo zezicatshulwa (igrama, iziphumlisi, njl.)
- Kukuwe titshala ukugxininisa kwizifundo ezingale miba: ulwazi ngeembalo, iimpawu zeembalo, izandi, iipatheni zolwimi, ubuchule bokuchonga amagama nokuqonda ngokwamanqanaba  ahlukeneyo (intsingiselo eqhelekileyo, ukulungelelanisa, intsingiselo efihlakeleyo, ukuhlola nemibuzo ebonisa ukuqonda okunzulu.)

### Ukufunda notitshala okwesithathu

- Kwityeli lesithathu lokufunda kufuneka abantwana bafunde ibali ngokwabo, benze imisebenzi ethethisayo, eyenziwayo nebhalwayo esekelwe ebalini.
- Apho kunokwenzeka, ibali elifundwe notitshala kufuneka libe luncedo kumsebenzi wokubhala notitshala apho utitshala abonisa indlela yokubhala ibali. Abantwana nabo baba nenxaxheba ekuyilweni kwesicatshulwa ngeli xesha utitshala adlala indima yokukhuthaza nokubhala ebhodini. Oku kubonisa inkqubo yokubhala kunceda ekufundiseni abantwana ukuba bakwazi ukubhala eyabo imisebenzi.



## Amabali akule ncwadi:



1 Idayari kaMandu 1



2 Idayari kaNozikhalazo 7

# 1 Idayari kaMandu




UMandu ebethanda ukubhala kwidayari yakhe yonke imihla. Ngosuku ngalunye ebebhala loo nto ayenzileyo emini. Ukwabhale namahlebo akhe angafuniyo ukuba abonwe ngabanye abantu.

Ebesazi ukuba kufuneka abe nendawo anokuyifihla kuyo. Wakhangela egumbini lakhe lokulala indawo anokuyifihla kuyo, apho ingenakufunyanwa mntu. Ekugqibeleni wagqiba kwelokuba ayifihle phantsi kwebhedi yakhe.

Ngenye imva kwemini, uMandu noAnna umhlobo wakhe, babevela esikolweni. UMandu wabona idayari yakhe ivulekile phezu komgangatho wegumbi lakhe lokulala.

"Hee, jonga Anna! Kukho umntu obefunda idayari yam!"

"Ungakhathazeki," uAnna wamcebisa ngelitshoyo. "Khangela enye



indawo engcono onokuyifihla kuyo."

Bayihllola idayari. "Jonga le minwe imdakana ilapha," watsho uAnna. "Ngumkhondo olungileyo lo."

"Ndiqinisekile ngumnakwethu omncinci, uThabo," watsho uMandu. "UThabo soloko eneminwe emdaka." Kodwa uye wakhumbula ukuba umnakwabo lo uneminyakana nje emihlanu kwaye akakakwazi ukufunda.

Waqaphela iinwele ezimhlophe phakathi kwamaphepha edayari. "Ngumkhondo obalulekileyo lo," utshilo. "Ngumntu oneenwele ezimhlophe lo ufunda idayari yam. Sonke ekhaya sineenwele ezimnyama. Inokuba ngubani? Ngubani

endimaziyo oneenwele ezimhlophe?" wabuza ejonge iinwele zika-Anna ezimhlophe.

La mantombazana mabini agqiba kwelokuba athiyisele. UMandu wabuyisela idayari yakhe phantsi kwebhedi. Wafafaza umgubo phantsi ecaleni kwebhedi yakhe.

Ukuba kukho okhe wasondela kuloo dayari, baya kumbamba ngemizila yeenyawo ekuloo mgubo. Alishiya ke igumbi amantombazana aza azimela ekoneni alinda!

Ngesiquphe beva ukurhwashazela egumbini lokulala. Babaleka kwangoko ukuya egumbini likaMandu. Babone ntoni?



Umgangatho wawuzele ngumkhondo wamanqina. Wayelapho nalo moni! UZola, inja kaMandu eyayinoboya obude obumhlophe wayedlala ngaloo dayari! Zange akholwe la mantombazana.

NguZola lo ufunda le dayari! "Kwixesha elizayo," watsho uAnna, ebambe iinwele zakhe, "kuza kufuneka ukhangele eyona ndawo ingcono onokufihla kuyo idayari yakho."

Ithathwe kwiimviwo zika-ANA zango-2012 yaza yatshintshwa.

Phambi kokuba ndiqale ...


NdinguThemba Twala igama lam, kodwa abahlobo bam bathi ndinguNozikhalazo. Nam ndinedayari njengo-"Wimpy Kid" wodumo. Ndiyakuthanda ukubhala kwidayari yam kwaye ndiyazama ukuba ndibhale nokuba sisicatshulwa esifutshane yonke imihla. Loo nto iyandinceda kuba ndihlala ndicinga ngam, ukuba ndingubani, ndenza ntoni imihla ngemihla nokuba ndenza njani ukuze ndimelane neengxaki endinazo.

Ndingubani mna? Ndiyinkwenkwe enobubele eneminyaka esi-9. Ndihlala elokishini kunye nomama notata. Ndinodade wethu omdala uPam oneminyaka eli-12 othanda kakhulu ukulawula, nomnakwethu oneminyaka emithathu onenkathazo kakhulu.

Ndinjani? Ndimfutshane kunabo bonke abahlobo bam kwaye ndinxiba izipekisi. Maxa wambi indinika ingxaki loo nto kuba abanye abantwana bacinga ukuba ndiyadika baze banditsale, kodwa xa sebendazi baye bandithande. Maxa wambi

bayandihleka kuba becinga ukuba ndenza izinto ezingaqhelekanga. Uza kuyibona le nto xa ufunda idayari yam.

Nangona ndihlala elokishini nje, ndifunda kwisikolo esisedolophini. Ndinabahlobo abaninzi abohlukeneyo ngokumila, ngobukhulu nangebala. Sonwaba kakhulu xa sidibene. Abahlobo bam bokwenene nguJabu, uRobert, uJenny noShawn, kanti ke ndiyazithandela kakhulu apha kuZomzi.



Inyanga: EyeDwarha
NgoMvulo

Bendibuyele esikolweni namhlanje emva kweholide ebixakeke kakhulu (Bendingekho ndisekhefini, bendikhwela ihashe, landiwisa kanobom, khange ndicinge kwanto ngesikolo.)




Bekumnandi ukubuyela esikolweni kwakhona ndihlangane nabahlobo bam uJabu, uRobert noShawn. Iingxaki zam zaqala ukuphuma kwesikolo. Besiziqhelisa ukudlala ibhola ekhatywayo waza uMnu. Jones ongumqeqeshi wethu wathi mandijonge iipali ze ndikhabe ibhola.

Ndabona uZomzi endibukele emi ecaleni kwebala. Andazi ukuba ndandingenwe yintoni kuba ndasuka ndenza uqulukubhode emoyeni. Ndazama nokuzenza ngcono ndahamba ngezandla zam. Ndakhaba ibhola ngamandla. Ibhola yasuke yangathi ngumbane ndaya kuwa ngomqolo. Ibhola yaya phezulu yaze yabuya yehla yaza kuwela ebusweni bam yandibetha





ndaze ndamongoza ngoko nangoko. Ndaziva ngathi ndisisiphukuphuku sokwenene. Ndaziva ndicaphuka ngokwenene.



## NgoLwesihlanu

Namhlanje ibiyenye yezo mini zentlekele. Umama wayesoloko esiyala ukuba singaze siqubhe emlanjeni. Kodwa bekushushu kakhulu namhlanje saze mna noRobert saggiba kwelokuba siye kuqubha emlanjeni. Sakhulula sazishiya phezu kwelitye iimpahla zethu. Kwaba mnandi kakhulu emanzini kangangokuba zange siliqonde ixesha ukuba limkile.

Kwathi kamva xa nelanga selisiya kunina, saphuma emanzini sakhangela iimpahla zethu. Zange sizibone. Sakhangela kuyo yonke indawo singaziboni saza sabona isimanga. Nantso ibhokhwe ihlafuna impahla. Ndabona enye ibaleka noshoti wam. Sathi nkamalala kodwa sazama ukuzigquma ngesinako saza sathi nggqee ukugoduka. Umama wayevutha ngumsindo!. Ngoku andivumelekanga ukuba ndiyodlala iveki yonke. Indicaphukisa kakhulu into yebhokhwe etye iimpahla zethu.

## NgoMvulo

Ngokuhlwanje ndiyacaphuka kwakhona. Esikolweni besinekonisathi. Besinomdlalo omfutshane apho bendiyingcuka kwibali elithi "Amatakane ebhokhwe asixhenxe". Ndithe ndakukhwela eqongeni kwavela kwamnyama. Nangona bendifundile ndaziqhelisa nendima yam iiveki ezintathu ezidlulileyo, andikhange ndikhumbule nelinye. Ndisuke ndafikelwa luloyiko endingalwaziyo, imilenze yagevuzela.

Ndikhe ndazama ukuthi, "Bantwana bam ndivuleleni, ndim ndingumama wenu. Ndiniphathele ukutya." Kodwa doh, alatsho ukuphuma ilizwi. Ndathintitha, "ba-b-ba-bantwana ...ndi... ukutya!" Utitshalakazi wazama ukundikhuthaza ukuba ndithethe endikhokela kodwa amagama aphelela emqaleni. Ndababona oomama phakathi kwababukeli. Ndandiphakuzela. Ndathi xa ndishiya iqonga ndagila indlu yebhokwe yawa. Yhoo, hayi ke!

NgoLwesithathu

Namhlanje besibhala uvavanyo lwesiNgesi. Ibiluviwo luka-ANA olubhalwa ngabo bonke abantwana beloMzantsi Afrika. Ndithe ndibhala njalo ndaziva ndome umlomo. Andazanga ukuba mandithini ndaze ndakhupha ibhotile yam yejusi ndicinga ukuba akazundibona utitshalakazi. Ngelishwa wandibona. Wathi akundijonga ndaphakuzela ndaza ndayingqubа loo bhotile yejusi yaza yawa yachithela incwadi yam nekaRobert.

Ndathunyelwa kwiofisi yenqununu yaze yatsalela umama umnxeba. Ndandisenkathazweni kwakhona! Ngokuqinisekileyo andonwabanga. Eneneni ndiyacaphuka kwakhona.

Inyanga: EyeNkanga
NgoLwesithathu

Namhlanje besiyokutshibiliza noShawn noRobert. Siye kwipaka yokutshibiliza. UShawn noRobert baqabela phezu kwamaqhina namathambeka. Ndithe ndiyabalinganisa suka ndaya kubetheka ngobuso phantsi. Ndithe xa ndizivuthulula ndabona udade wethu oneminyaka eli-12 uPam. Undixelele ukuba kudala umama endifuna.

UPam wathi xhwii ihelimethi yam waza ngemizuzwana nje embalwa wabe seletshibiliza enyuka udonga, nanko ephequka esenza umjikelo wama-360! Kutheni na le nto amantombazana egqwesa kwinto yonke! Undishiye apho watshibiliza ukugoduka ngebhodi yam yokutshibiliza ndaze mna ndabaleka emva kwakhe. Umama wandikhwaza ebuza ukuba kutheni ndingayinxibanga ihelimethi. Akazange andive xa ndimxelela ukuba inxitywe nguPam. Abantu abadala bayaxaka maxa wambi!

NgeCawe

Namhlanje siye kwamakhulu siyotya khona isidlo sasemini. Bekumnandi ukubona abaza bam kwakhona, kodwa ukudibana noomalumekazi noodadobawo abangako!

"Jonga ukuba mhle kukaThemba!"

"Awusemdala wethu uyazibona, uyinkwenkw' enkulu ngoku!"

"Sowukwibanga lesithathu! Sowumdala kangako na?"

Umalumekazi uJane wandipha ijezi andilukele yona. Ndiyazi wayiluka ngothando, kodwa wayecinga ukuba ndiseneminyaka emihlanu.

"Owu ndiyabulela Malumekazi, kudala ndiyinqwenela ijezi emthubi," ndatsho ngembeko. Inene abantu abadala bayaxaka maxa wambi.

Inyanga: EyeNkanga
NgoLwesihlanu

Phezolo bendiyokulala kuloRobert. Ndithe ndisalele ndikobude ubuthongo ndavuswa nguRobert kuba esithi uve ingxolo ekhabhathini yakhe. Ebecinga ukuba kukho irhamncwa. Besingcangcazela kukoyika saza ekugqibeleni sathatha ithotshi sakhanyisa ngayo ekhabhathini. Sabona amehlo amabini aqaqambileyo amthubi. Ngoko nangoko kwatsiba into ekhabhathini. Sakhala sicinga ukuba lirhamncwa ngokwenene. Yintoni? kwathi kanti yikati kaRobert. Kodwa andikhange ndikwazi ukulala emva koko.

Namhlanje ndiye ndalala egumbini lokufundela. Utitshalakazi uthe uza kutsalela umama umnxeba hleze kuthi kanti ndiyagula. Ndimxelele ukuba andibikwa hlaba koko andikhange ndilale kakuhle phezolo. Naxa kunjalo umtsalele umnxeba umama. Maxa wambi abantu abadala abaqondi kakuhle.

## NgoLwesibini

Lusuku lokuzalwa lukatitshalakazi namhlanje. Umama undinike iintyatyambo zeerozi ezibomvu ukuze ndizinike utitshalakazi. "Andisoze ndiphathe iintyatyambo ebhasini," ndazicingela ndatsho. "Baza kuthini abanye, baza kundithatha njani?" Ndafikelwa yingcinga. Ndazifaka ebhakeni wam iintyatyambo ukuze zingabonwa mntu.

"Bhota Nksk. Nkosi, uze ulonwabele usuku lokuzalwa kwakho." Ndakhupha iintyatyambo ebhakeni wam, kodwa zazidiniwe zityokololo.

Kamva siye samculela ingoma ethi 'Min' emnandi kuwe' utitshalakazi wethu.



Siyanamkela kolu thotho lweeNcwadi Ezinkulu. Le Ncwadi Inkulu iyinxalenye yothotho lweencwadi iRainbow Series oluquka iincwadi zokusebenzela, isisele (ingqokelela yeendidi zeembalo), iincwadi zokufunda ezahlulwe ngokwamanqanaba kunye neepowusta. Siyathemba ukuba la mabali ahlukeneyo akwezi Ncwadi Zinkulu zisibhozo zeli banga aya kuba luncedo ekufundiseni kwakho, nokuba abafundi baya kukonwabela ukufunda kunye nawe.

INgxelo yeNkqubo yeKharityhulam noVavanyo iCAPS yesiGaba esisisiSeko igxininisa ekufundeni notitshala njengenxalenye ebalulekileyo yobuchule bokufunda. Ukufunda notitshala kukholisa ukuthatha iintsuku ezimbini ukuya kwezine ngeveki apho bonke abantwana bafunda incwadi enye.

Ukusebenzisa iNcwadi Enkulu enamagama amakhulu yeyona ndlela ilungileyo yokufunda notitshala kuba abantwana bayakwazi ukubona amagama nemifanekiso, bakulandele naxa ufunda ngendlela efana naleyo bayiqhelileyo yasemakhaya yokubalisa amabali neentsomi. Kubalulekile ukuba bahlale kufuphi neNcwadi Enkulu ukuze bakwazi ukubona nokufunda amagama. Amagama amakhulu eNcwadi Enkulu enza kube lula ukufundela abafundi abaliqela ukhwaza ngexesha elinye kwimeko ekhululekileyo nengoyikisiyo.

Iincwadi Ezinkulu ezikolu thotho ziza kufundisa abafundi bakho amabali ahlukeneyo, imibongo, izicengcelezo nemidlalo emifutshane kwakunye nolwazi nemifanekiso.

Luxanduva lwakho njengotitshala ukuba wenze amabali aphile kunjalonje wakhe imeko yolonwabo nochulumanco. Ukufunda Incwadi Enkulu kwenza ukuba ukwazi ukufundisa ukufunda ngendlela eyonwabisayo kuwe nakubafundi bakho. Siyathemba ukuba le ncwadi iya kukunceda wenze kanye loo nto.




## Zenzele elakho ixhayi lencwadi



Uza kufuna oku:

1. Ikhadibhodi enobubanzi obulingana nobeNcwadi Enkulu ivuliwe (594 mm) nobude obuphindwe kathathu (1369 mm).
2. Iteyiphu encamathelisayo.
3. Iiphegi zokwaneka iimpahla ezimbini zokubamba ikhadibhodi.

Goba ikhadibhodi yenze imilo engu-A uze udibanise isiseko nomphambili njengoko ubonisiwe apha ngezantsi. (Dibanisa iziqwenga zekhadibhodi ngeteyiphu yokuncamathelisa ukuba akunasiqwenga side ngokwaneleyo.)












## Iingcebiso malunga nokusetyenziswa kweNcwadi Enkulu

- Funa iplasitiki ecacileyo oza kuyibeka phezu kweNcwadi Enkulu. Iya kuba luncedo kuwe nakubafundi nibe nakho ukubhala phezu kwayo.
- Bhala phezu kweplasitiki ngepeni esulekayo (imakha yokubhala kwibhodi emhlophe).
- Qhoboshela iplasitiki yangaphezulu kwiNcwadi Enkulu ngephegi okanye ngekliphu.


ISBN 978-1-4315-2935-3


ISBN 978-1-4315-2935-3


THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.


basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



First edition 2016



The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.



The Big Books in this series are available in all languages. They were developed by a team of UNISA Language and Education experts as part of their Community Engagement contribution to South Africa's education sector.



Author: V McKay